

Indlu yangaSese yoMngxuma ePhucukileyo efaka uMoya (VIP)

Ukungcola kuwela ngaphakathi komngxuma apho okubolayo kufumana ithuba lokubola kuze kuthi okungamanzi kufunxwe ngumhlaba ongqonge umngxuma. Ukujikeleza komoya rhoqo kwisakhiwo esingaphezulu nasentla kombhobho womoya kususa amavumba kuthumele iirhasi emoyeni. Ngenxa yokubamnyama ngaphakathi komngxuma, izinambuzane ezingena emngxunyeni zitsalwa kukukhanya kumphezulu wombhobho womoya zibanjwe sisithinteli seempukane. Iindleko zokwakha: zingasuka kuma-R600 ukuya kuma-R3 000 ngokuxhomekeke kumandla omninikhaya nezixhobo ezikhethiweyo. Iindleko zokusebenzisa: ama-R 60 ukuba ukungcola kukhutshwa kanye emva kweminyaka emi-5.



Indlu yangaSese ePhuculiweyo efaka uMoya yaPhindaphindwa imiNgxuma (VIDP)

Imigaqo yokusebenza iyafana neyendlu yangasese yohlobo lwe-VIP. Kusetyenziswa umngxuma omnye ude ube sisiqingatha semitha phambi kokuba ugcwale. Imingxuma yokwamkela ukungcola neyombhobho womoya ivingcwa ngokupheleleyo kuze kusetyenziswe lo omnye umngxuma. Iziqulatho zomngxuma wokuqala ziyembiwa emva kwesithuba seminyaka emibini *okungenani*, xa iziqulatho sezingenabo ubungozi kakhulu. Iindleko zokumisa: ama-R2 500-R4 500 kuxhomekeke kumandla omninikhaya. Iindleko zokusebenzisa: ama-R35-R135 ngokuxhomekeke kwinxaxheba yorhulumente wengingqi, ukuzimisela komninikhaya ukuphathana nokungcola, neendlela zokulahla ezinokukhethwa.

Indlu yangasese yokuvundisa/ukuphambukisa umchamo

Ukungcola kugaleleka kwigumbi kuze kuthi emva kokusetyenziswa kwendlu yangasese kugalelwe izinto ezomileyo ezibolayo, ezifana nomthuthu weenkuni, iindiza okanye izityalo, ngenjongo yokuphelisa ukunuka kwelindle elibolayo kwakunye/okanye ukulawula ubumanzi nokukhuthaza ukubola ngokwendalo (ukuvundisa). Umchamo ungohlulwa/uphambukiswe ngokusebenzisa izihlalo ezichophileyo ezakhiwe ngendlela eyodwa; oku kungaqokelelwa kuze kusetyenziswe njengesichumisi. Kwiinkqubo zokubolisa, ukujikeleza komoya kukhuthaza ukuguqula ubumanzi bubengumphunga. Iindleko zokumisa (zahlukahlukene ngokuxhomekeke kwintlobo yenkqubo namandla omninikhaya): ama-R3 000 ukuya kuma-R4 000 kwiinkqubo zorhwebo. Iindleko zokusebenzisa: ama-R35 ukuya kuma-R500 ngokuxhomekeke kwinxaxheba yorhulumente wengingqi nokuzimisela komninikhaya ukuphathana nokungcola, neendlela zokulahla ezinokukhethwa.





Indlu yangasese yokugalela ugutyule

Emva kokuzithuma kufuneka ipani ligutyulwe ngeelitha ezimbalwa zamanzi, amanzi ashiyeke epanini asebenza njengesithinteli sevumba, iimpukane neengcongconi. Iindleko zokumisa: ama-R2 000 ukuya kuma-R3 500 ezinokuthi zonyuke kwimihlaba engakulungelanga ukufunxa ubumanzi. Iindleko zokusebenzisa: li-R150 ukuya kuma-R300 ngonyaka apho umhlaba ongezantsi unako ukufunxa ubumanzi.



Indlu yangasese yamanzi nokufunxa

Indlu yangasese yamanzi ifuna kongezwe amanzi ukugcina isiphelo sombhobho womsinga sisemanzini. Isiqulatho sokungcola singahluka ukusuka kwisiqulathi esivingciweyo ukuya kwinkqubo yokugcina ezilikhuni nokufunxwa kwamanzi. Iindleko zokwakha: R2 000-R3 500 zinokunyuka xa umhlaba ungalungelanga ukufunxa. Ukusebenzisa: R150-R300 ngonyaka apho umhlaba ongezantsi unako ukufunxa

Indlu yangasese yokubolisa nokufunxa okanye umjelo omncinci wogutyulo olungenazinto ezilikhuni

Ukungcola okuvela kwindlu yangasese, namanzi amdaka asekhayeni, agungxuzelwa kwigumbi lokuzinzisa apho agcinwa okungenani iiyure ezingama-24 apho kuvunyelwa ukuzinza nokwetyiseka ngokwendalo. Amanzi anenxalenye yokunyangwa ayaphuma kwitanki angene kumhlaba ongezantsi ofunxayo/inkqubo yokufunxa. Udaka oluhluziweyo lwanda kancinci kancinci etankini kude kufuneke ukuba lukhutshwe etankeni. Iindleko zokwakha: ama-R7 000 ukuya kuma-R8 500. Iindleko zokusebenzisa: ama-R200 ukuya kuma-R450 kuxhomekeke kwizihlandlo zokukhupha ukungcola.

Ngokuphathelele kwitanki yokubolisa nokufunxa ngaphandle kwento yokuba inxalenye engamanzi ithululelwa kwimijelo emincinci esingisa kwindawo edityanelweyo yokunyanga amanzi amdaka (enokuba yindawo ebucala yokucoca efikelelwa ngemijelo yogutyulo ekhoyo okanye ngenqwelo yokuthutha izinto ezingamanzi) izindleko. Itanki ebolisayo nokufunxa zahlukahlukene xa inkqubo sele imisiwe, kungenjalo ziindleko ezinkulu.



Itanki yokulondoloza

Ukungcola kugutyulelwa etankeni apho kugcinwa kukodwa kungangcolisi imekobume phambi kokuba kuthathwe ngesithuthi sokungcola ukuya kucocwa. Iindleko zixhomekeke kumatyeli okuthululwa kokungcola. Iindleko: Ngama- R2 000 – R5 000 ngokuxhomekeke kwisakhiwo sangaphezulu nobukhulu betanki. Ukusebenzisa: R550 ngekhaya ngalinye ngonyaka (ngokusekwe kwiindlezo zokulahla eziqikelelwa kwi- R181 ngomthamo wetanki) xa kucingelwa ukuba itanki ithululwa, ngokomdilili, amaxa ama-3 ngonyaka.



Imijelo yogutyulo engekho nzulu

Ukungcola kwendlu yangasese kwakunye namanzi amdaka asekhayeni, kodwa ngomthamo ophantsi kakhulu kunogutyulo oluqhelekileyo, kugungxuzelwa kwinkqubo yogutyulo esesizeni kuze ethubeni kugutyulelwe kumalungiselelo okucoca okanye kwimijelo yogutyulo esesitalatweni ukuya kwimisebenzi emikhulu yokucoca. R2 500 – R3 000 – kongiwa ukuya kuma-50% xa kuthelekiswa neendleko zokwakha ugutyulo lwesiqhelo. Iindleko zokusebenzisa: R300 – R450 ngokuxhomekeke kwigalelo lomninikhaya.



Umjelo opheleleyo wogutyulo ngamanzi

Ukungcola kwendlu yangasese kwakunye namanzi amdaka asekhayeni kuyagungxuzwa kusetyenziwa umthamo obonakalayo wamanzi, kugungxuzelwa kwinkqubo yogutyulo ehambisa ukusa kumalungiselelo onyango, kwaye kukho iintlobo ezininzi ezinyanga okumanzi ngomgangatho ophezulu phambi kokuthululela kwimekobume yamanzi. Iindleko zokumisela: R6 000-R7 000 kuthathelwa ingqalelo iindleko zobukhulu nemijelo yogutyulo. Ukusebenzisa: R400-R800 ngonyaka.



Ukhetho lwezobuchwepheshe olungathandekiyo

Indlu yangasese elula yomngxuma engaphuculwanga

Indlu yangasese yamachiza

Indlu yangasese yenkonkxa

Izindlu zangasese zomdibanelo

Kutheni lungakhuthazwa olu khetho?

Aluhambelani nococeko lwezempilo
Alwanelanga ukusetyenziswa ekhayeni
Luziindleko
Lolwethutyana